



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**FEBRUWARI/MATSHI 2015**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 80**

**Le memorandam inamaphepha angama-20.**

**ICANDELO A: ISIHOBE****VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli****UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)****IDOMPASI – N Gcali****UMFUNDI MAKACHANKATHE KWEZI NGONGOMA ZILANDELAYO:****Kwistanza soku-1**

Yincwadana encinane ephethe igama: Umbhali uwuvula umbongo esebenzisa isinciphiso yincwadana nesiphawuli encinane ukugxininisa ubungakanani beDompasi. Iphethe igama le dompasi incinane injalo iqulathe igama lomntu ukuze kwazeke umnini wayo.

Yincwadana edelekileyo ephethe idilesi: Umbhali usebenzise isinciphiso nesibaluli edelekileyo egxininisa ubungakanani nobunjani bale dompasi. Le ncwadana ngokombhali iqulathe iinkcukacha zendawo umnini wayo ahlala kuyo.

Isitampu esigwenxa yijele. Kulo mqolo umbhali usityhilela ukuba xa isitampu esikule dompasi singekho mthethweni umnini wayo uvalelwa esiseleni. Usebenzisa isikweko yijele ukuphuhlisa ukuba lowo ubandakanyekayo akuxoxwa naye uvalelwa ngoko nangoko entolongweni.

**Kwistanza sesi-2**

Udompasi ongekhooyo yijele. Umbhali usivezela ukuba xa umntu efunyaniswe engenayo le ncwadi iyidompasi ufakwa esiseleni kwangoko enganikwanga nathuba lokuzithethelela. Apha kusetyenziswe isimntwiso ngokungakuthethwa nomntu xa kuthethwa nedompasi.

Impilo yabaninzi uyigqibile. Umbhali uveza indlela le dompasi ebuchaphazele ngayo ubomi babantu. Oku kutyhilwa kukusebenzisa kogqithiso ngegama 'Uyigqibile, ukuphuhlisa ukuba ubomi babantu buphelile.

Ubomi babaninzi ubuthathile.

Kulo mqolo umbhali usityhilela ukuba le dompasi ichaphazele ubomi babantu abaninzi. Oku kungqinwa ngokusetyenziswa kwesihlonipho ubuthathile, ukuphuhlisa ukuba baninzi abantu abaphulukene nobomi babo.

Ubethiwe umntu ubanjiwe umntu.

Lo mqolo ubonisa ukuba abantu bahleli ubomi bokungcungcutheka, bephelela ezintolongweni. Apha umbhali uqaqambisa impatho gadalala yamaBhulu kubantu abaNyama.

Waswela umntu walamba umntu. Apha umbhali usityhilela imeko yokuhlupheka nendlala ababephila phantsi kwayo abantu abaNyama ngenxa yengcinezelo yamaBhulu. Amagama 'waswela nowalamba' ayiveza ngokugqibeleleyo le ndlala.

Wabhaca umntu watshipha umntu. Umbhali apha usityhilela ngeemeko ezazinyanzelisa abantu bazibone beshiya amakhaya nemizi yabo. La magama wabhaca, watshipha asityhilela ukuba abantu babenyazeleka bashiye amakhaya okanye iindawo abahlala kuzo ngenxa yeemeko ezinganyamezelekiyo.

**Kwistanza sesi-3**

Kom hierso Jan, Kulo mqolo kusetyenziswa ulwimi lwesiBhulu ukuveza elubala ukuba aba bacinezeli yayingamaBhulu. Olu lwimi lusetyenziselwa ukuxhatshazwa kwabo kuba olu lwimi bengaluva. 'Alikho mhlekazi.' Qhwa ngempama!  
Xhimfi ngenqindi, ngqu ngesihlangu. Kule miqolo kubonisa ukuba bathi bakungayifumani le dompasi bangcikivwe, batshutshiswe ngokubethwa kabuhlungu, loo nto iboniswa zizifanekisozwi u 'Qhwa, Xhimfi nongqu. Ukusetyenziswa kwezi zifanekiso zwi kusizobela umfanekiso ngqondweni othe ngqo wokugxalathelana kwezenzo ezazisenziwa ngamaBhulu kubantu abaNyama.

**Kwistanza sesi-4**

Uphumile umthetho wabhengezwa, Kulo mqolo imbongi isityhilela ngokupapashwa komthetho wokuphelelwa kwale ncwadana iyiDompasi. Kuba udompasi ufile wavuka u-ID, Kulo mqolo imbongi isebenzise isimntwiso nochasaniso ukuphuhlisa ukuphelelwa kwale ncwadana iyidompasi nokuzalwa kwencwadi ebizwa ngokuba yi-ID.

**[10]****UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)****APHI NA AMADODA! – M Mbutana**

- 2.1 Isinxulumaniso.√ (1)
- 2.2 Siphuhlisa ubungozi obuza nabaMhlophe bengaba beza ngobuhle kanti bafihle ubungozi.√ (1)
- 2.3 Kukuyondelelanisa intetho√/Iwenze isingqisho.√ (1)  
(Nayiphi na kwezi)
- 2.4 Ishwangusha. √ (1)
- 2.5 Ngumfanekiso-ngqondweni womntu owoyika ngokugqithisileyo de abe ngathi uyangcangcazela.√√ (2)
- 2.6 Ikhathazekile√/Ixhalabile√/Ayonwabanga√, ngenxa yeemeko ezigqubayo zokuthathelwa kwabantu imihlaba nengcinezelo.√ (2)  
(Nayiphi na kwezi)
- 2.7 Imbongi imemelela ukuba makungahlaliwa phantsi kusongwe izandla umhlaba ubhunyulwa ngabaMhlophe√√/Imbongi imemelela ukuba makungasongwa izandla abaNhlophe besenza unothanda kumhlaba wethu√√. (2)  
(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

**[10]**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UPROFESA AC JORDAN – ZS Qangule**

- 3.1 Leqani equleni imimoya iyabhudla√/Lakufa ichanti kudakasa izabonkolo√/ Yakufa inkuku amaqanda ayabola.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.2 Siphuhlisa ukuba iingcali zesiXhosa mazikhawuleze ziye apho kukho izinto ezakhayo ezishiywe yile profesa√√/Siphuhlisa ukuba akungabikho uA.C Jordan zininzi izinto eziza kungahambi ngendlela yazo kumsebenzi wakhe.√√  
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 3.3 Isigama siveza ukuba bayalelwa ukuba mabakhawuleze ukuya kufika kwindawo enengxaki.√ (1)
- 3.4 Ngumfanekiso ngqondweni wento ethi yakuwa kuvakale isandi esikhulu.√√ (2)
- 3.5 Ikhathazekile√/Ixhelekile√/Ayonwabanga kuba kusweleke umpondo zihlanjiwe nesisele senyathi esingumbhali weencwadi zesiXhosa.√ (2)
- 3.6 Lo mbongo ungokufa kukaAC Jordan ongumbhali weencwadi zolwimi lwesiXhosa.√√ (2)  
**[10]**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)****IMBONGI YESIZWE, SEK MQHAYI – JJR Jolobe**

- 4.1 Ngumbuzo buciko.√/Isihlonipho.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.2 Siphuhlisa ukothuka kombhali ngenxa yokuva udaba lokusweleka komntu ohloniphekileyo uSEK Mqhayi. √√ (2)
- 4.3 Kuthethwa ukuba uyakwazi ukusombulula izinto ezixake umzi wakowabo kwaNdlambe.√ (1)
- 4.4 Ngumfanekiso-ngqondweni womntu obalaseleyo notshatshelayo kulwimi lwesiXhosa.√√ (2)
- 4.5 Ikhathazekile√/Ixhelekile√/Ayonwabanga√/kuba kusweleke umpondo zihlanjiwe nesisele senyathi esingumbhali weencwadi zesiXhosa.√ (2)
- 4.6 Ungokusweleka kwembongi ehloniphekileyo nengumbhali owaziwayo elizweni jikelele.√√ (2)  
**[10]**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UMSILA WEMBULU – W Shasha****AFRIKA SIZA KUYILWELA – W Shasha**

- 5.1 Yimvano-siqalo.√/Luphindaphindo.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.2 Abantu abasoloko bebulala abanye abantu.√/Abantu abasoloko benxanelwe igazi labanye abantu.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.3 Umqolo ngamnye wakhiwe ngamagama amabini.√√ (2)
- 5.4 Umbhali uncoma inkohlakalo nobukrele-krele babaMhlophe ekusebenziseni abaNtsundu ukuba babulalane bodwa.√√ (2)
- 5.5 Uphezulu.√/Iyakhuthaza.√ kuba inika abantu ithemba lokuba ngenye imini kolunga.√ (2)
- 5.6 Abantu abaNtsundu bazimisele ukukhusela ilizwe labo kubantu abaNtsundu nokuba iimeko zithini na.√√ (2)

**[10]****AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: INOVELI****UMBUZO 6 (UMBUZO OMDE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa****UMFUNDI MAKACHANKCATHE KWEZI NGONGOMA ZILANDELAYO:**

- Kule ncwadi simfumana uThole sele enguchwenene womfundisi kodwa ayibanga lula indlela yakhe eya empumelelweni, utsibe amanqanaba athile ebomini bakhe.
- Uzibhaqa eseKnysna nangona ebesiya kokwabo nalapho engazi mntu. Wacinga icebo lokuzenzela imali ngokuthi azenze igqirha.
- Amaphupha amabi nesithukuthezi amenze ukuba azibone ngenye imini ekhangela indawo enenkonzelo.
- Uhlatywa lilizwi elithi 'thengisa ngemfuyo yakho ...', ubinzwa ngokwekrele yintshumayelo eyayingonyana wolahleko eyayisenziwa ngumfundisi owayeseqongeni, imenza abe ngumntu otshintshileyo watsho wagoduka ngeenjongo zokubuyela esikolweni.
- UThole uphela ethengisa ngemfuyo yakhe yonke owayehlawulwe ngayo eKnysna ngeenjongo zokuba agoduke enemali eyoneleyo akwazi nokuphindela esikolweni azalisekise amaphupha akhe okuba ngumfundisi.
- Ubuyele esikolweni nangona iminyaka yakhe ibisele ihambile wagqwesa kwizifundo zakhe nakwicala lentshumayelo ude anikwe ilungelo lokuba ibe nguye oba ngumshumayeli ngeentsuku ezithile.
- Ngenxa yokuzimisela nokuzibalula kwakhe ude wabe uya kumela ilizwe lakhe uMzantsi -Afrika kwingxoxo -mpikiswano. Uyagqwesa nalapho, loo nto yamenza angalithyalwa kumazwe aphesheya. Ubuya sele ezinikele kakhulu kwicala lezakwaLizwi ngenxa yolwazi oluphangaleleyo alufumane khona. Ude abe ufumana inkxaso -mali yokumqhuba abheke phambili nekhondo lezakwaLizwi.
- Le nkxaso-mali imncede ukuba aye phesheya aye kufunda wade wabe ufumana isidanga sobugqirha kwezakwaLizwi. Indima ayidlalileyo nokuzibalula kwakhe phesheya kumenza kungabi lula ukuba bamkhulule agoduke. Ekugqibeleni bamkhulula bemnika izipho ukubonakalisa ukuncoma umsebenzi wakhe omhle.
- Ubuyela eMzantsi Afrika avume ukuthunyelwa kwisekethe encanyiweyo ngabefundisi abanamava, sekethe leyo iyeyaseGeorge Goch. Isizathu ufuna ukuzalisekisa isithembiso awasenza kuThixo wakhe mhla wayezibona ejinga emlonyeni wengcwaba kwizikrelemnqa ezingooJoe.

- Uyimisile ngenene loo sekethe, wasakha iSpes Bona, landa inani lamarhamente, wahlangula ubomi babantu obutshabalalayo, watsho wayimpumelelo umsebenzi wakhe wokuhambisa ivangeli kaKrestu.
- Ngenxa yemisebenzi yakhe uphetha esaziwa lilo lonke elimiweyo, ngabasenkonzweni nabangekho nkonzweni.
- Uyatshintshwa etshintshelwa eGcuwa bengafuni abantu baseGeorge Goch ngelithi angakha indlu akugqiba angayihlali.
- Ufike eGcuwa washumayela lazala ibandla kwafuneka kwakhiwe ezinye izakhiwo, nakuCentane kukwanjalo zanda iicawe ngokwamakhowa abantu badumisa igama likaThixo.
- Ngenene nangenyaniso usifezekisile isithembiso sakhe sokusebenzela uThixo, yile nto nencwadi iphela enguchwenene womfundisi ovunyiweyo.
- UThole uhambela isikolo iZazulwana ekhuthaza utitshala ukuba afundise abantwana ngethemba loo nto ibonisa ukuba uThole kuzo zonke iintsunguzi owayethubeleza kuzo wayebeke ithemba phambili.

**[25]****UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

- 7.1 Sesi sokuba babone lo mfundisi ushumayela ngendlela emangalisayo ofana kakhulu nobaw'uMkwayi.√√ (2)
- 7.2 Yazaliseka ngokuba ubaw'uMkwayi nabafana baye ecaweni.√√ (2)
- 7.3 Wenza ukuba uMkwayi agule elapho ecaweni de wasiwa emishini nalapho wathi wahoywa nguThozama kwatsho kwavela neempawu ezenza kuqinisekwe ukuba unguyise kaThole.√√/Wenza ukuba uMkwayi agule elapho ecaweni de wasiwa emishini nalapho wathi wahoywa nguThozama kwatsho kwavela isiva nomkhango ezenza kuqinisekwe ukuba unguyise kaThole.√√
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 7.4 Apha uThole noyise babonana ecaweni emva kokugqibhelana kudala uThole sele engumfundisi.√√ (2)
- 7.5 Uyisebenzise ngokuthi amqaqambise ngeentshumayelo zakhe ezichukumisayo nezimenze wangundaba-mlonyeni nto leyo ethe yalobela abantu abaninzi ecaweni.√√/Uyisebenzise ngokuthi amqaqambise ngeentshumayelo zakhe ezitshintshe isimo sentlalo yaseGoerge Goch.√√
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 7.6 Luzobo olumayana/olungathanga ngqo√ kuba umbhali umzobe wangumfundisi obalaseleyo ngeentshumayelo zakhe.√√ (2)

- 7.7 Yindawo ehlala abasebenzi abangamadoda nebizwa ngokuba yinkomponi.√√/  
Yinkomponi apho amadoda athile afuthelwe yinkolo yobuKristu.√√  
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 7.8 Ngumqondiso wokuba uya kuze aphinde ambone unyana wakhe.√√ (2)
- 7.9 UMkwayi uzingwa liphupha leminyaka elithi lakufika limcingise kube ngathi isiganeko sezo ntsuku sesezolo.√√ (2)
- 7.10 UMangaliso ungumlinganiswa ophumelela ngendlela emangalisayo kuzo zonke izinto abandakanyeka kuzo ebomini.√√  
UThozama ubonakalisa intobeko nomonde kuzo zonke iimeko ahlangana nazo ebomini.√√ (4)
- 7.11 Linqanaba lokusonjululwa kwezinto.√/utyhilo-ndaba.√ UThole kulapho abonana noyise uMkwayi ecaweni eGeorge Goch owahlukana naye esemncinane.√√ (3)  
**[25]**

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule****UMBUZO 8 (UMBUZO OMDE)****UMFUNDI MAKACHANKCATHE KWEZI NGONGOMA ZILANDELAYO:**

- Kule ncwadi simfumana uFriday engumchasi womlinganiswa ophambili onguMfazwe, ngako oko ungumqobo kuyo yonke inquleqhu eyenziwa ngulo mlinganiswa unguMfazwe.
- Eluvalelweni uMfazwe ucelwa abengungcothoza wamapolisa akavumi, uyaxelelwa ngamapolisa ukuba uyazilibazisa kuba ooNdlela nooNtsipho baya wenza loo msebenzi. UFriday ongumchasi kaMfazwe nongunyana kaNtsipho naye uyabandakanyeka kulo mkhuba wokuthengisa ngabantu.
- Xa uMfazwe ekhululwa ngamapolisa emva kwesityholo sokunyola umbuso ubuyiselwa kwidolophu yakhe eyiBholo ngamapolisa. Kwisiqhu esasidlula phambi kwemoto kwathi kwakubakho uFriday lwathi merhe uvalo kuMfazwe erhalela ukuba angamboni.
- UFriday namahlakani akhe batshisa ikhaya likaMfazwe ngelixa yena eseluvalelweni.
- Kaloku uFriday namahlakani sele betyale kuluntu ukungcola kokuba uMfazwe ungungcothoza. Loo nto ingqinwa xa efika kwat' uGaba emganga ngokumxelela ukuba kuthiwa ungungcothoza.



- UFriday ufika kuqala kulo Nokuzola amthabathe baye kunye entlanganisweni, uyafika uMfazwe sele emkile uNokuzola noFriday. Ukanti uthe efika kwaCwe nalapho ukubonisa ukuba sele ityalekile into yokuba uyimpimpi, uCwe ufuna ukuqonda ukuba yinyani ukuba uyaxela into ethetha ukuba uyimpimpi. Iingcinga kwangoko kuMfazwe ziyabethabethana. Udzulela eholweni ngeenjongo zokuhlamba igama lakhe.
- Eholweni uFriday noNokuzola bachophisene situlweni sinye kufika uMfazwe, uFriday uzenza oncokola noZo emsebezela.
- Njengoko uFriday sele fake lo moya umdaka ngoMfazwe wonke umntu uthi akumbona akrwece omnye. UZo naye uthi akumbona uMfazwe ajonge kude.
- UFriday umemeza eholweni egxotha uMfazwe okomshologu kulo ndibano yabahlali, '... ooqhimgqoshe asibafuni apha'. Indlu ngoko nangoko yazithulula izithuko ukuya kuMfazwe, bemhlasela, bemdudulela ngaphandle.
- UFriday akugqiba ukutsho ugwejelisa isandla esondeza uZo kaMfazwe kuye. Loo nto iyamxhela uMfazwe oku kuba uZo ebesondele kuye entliziyweni.
- Ukufunzwa kwabantu nguFriday kumenze wanentliziyi ebuhlungu wazibona sele eyokuhlala emangcwabeni, iingcinga zimphehluzelisa kukubona isithandwa sakhe kwiingalo ezinuka umzondo zikaFriday.
- Ngenxa kaFriday namahlakani akhe xa ebukulwa ngabantu uyashwabula ebona bonke abantu bengamagqwirha afaanelwe ukutshiswa ngentsimb'ebomvu, uzibona engenandawo yakuya kuba nekhaya lakhe litshile.
- UFriday namahlakani akhe basemva kwakhe usinda ngokulambisa ukuba bangamtshiseli emotweni owayezimele kuyo. Imxhela umphefumlo eyokungazi kanye efunwa nguFriday kuye nawayenza kuye emcaphukela kangaka. Usabela eSihlahleni kwamalume wakhe.
- Emngcwabeni kaMachule, uFriday uphambili kwangoko oku kumvusela umnye uMfazwe. UFriday namahlakani akhe bamngcuchalazisile uMfazwe ngexesha lale mingcwabo. Kuye kwanyanzeleka kulo mngcwabo ukuba aphele emehlweni ngokulunyukiswa waya kwat' uGaba.
- Ubukho bukaFriday edibene noNokuzola ngalaa ntlanganiso kumenze angakhuthali ukuphindela entlanganisweni eholweni. Ude aye nangona afika ingekho intlanganiso.
- Ukwenza kukaFriday ngathi uyathandana noZo kudala umsantsa omkhulu kuZo noMfazwe nto leyo imenze angazivuli nokuzivula iincwadi ezibhalwe nguZo.
- Kutsho izithonga zezulu lezandla waphuma emotweni wabalekela endlwini kwamfundisi uHlathi enqongo ligazi. UFriday ubulele abantu uMfazwe uzama ukunceda abo bantu abafele kuloo cressida ityheli. Ngenxa yokungcola kooFriday umfundisi umcebisa ukuba abhace. Umfundisi uHlathi ubona ooFriday bengamsulela ngelo tyala njengoko kukho ubungqina kuye.

- Ifuthe likaFriday uyaliva sele eselubhacweni uMfazwe abazali bakhe akulahleka bayabanjwa. Bamthathela nekulonina njengoko umalume nenkosikazi yakhe bebanjwa. Ufungela ukumbulala abe zizicwibi uFriday mhla badibana.
- Nangona engekho khaya ifuthe likaFriday liyaziphehluzelisa iingcinga zakhe. Umzekelo: eMthontsi xa ecingelwa ngobumpimpi ngooKhonjwayo oku kumvuselela iingcinga ngoFriday.
- UFriday ekugqibeleni akaphumeleli. Uyabanjwa ityala lakhe lichotshelwe nguMfazwe.

## UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

- 9.1 Wayeye entlanganisweni eseholweni wafika ingaqhubanga ngenxa yokuhewulwa kukaNdlela ngabahlali.√√ (2)
- 9.2 UNdlela usebenzela yena unguhlohlesakhe√ abe uMfazwe emele inkululeko yabantu abaNyama.√ (2)
- 9.3 Usebenzise amapolisa xa emenzela urhalirhali ngobomi obuntofontofo obuphilwa nguNdlela njengoko yena wavumayo ukuba ngungcothoza.√√ (2)
- 9.4 Isigqebelo kukuba uNdlela lo uthetha ngokutsha kwendlu yakuloMfazwe ibe inguye lo uyitshisileyo.√√ (2)
- 9.5 Lo mqondiso utyhila ukuba izinyanya zakowabo zihamba naye kuloo ndlela.√√ (2)
- 9.6 Yimpixano yangaphandle√ kuba sibona indlu ihluleke phakathi abanye bakwicala likaNdlela abanye behleli kweli lodwa.√/Yimpixano yangaphandle√ kuba uMfazwe noNdlela balwa ngamazwi.√ (2)
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 9.7 Kuselokishini kuQaka apho abantu bathwanxwa yindlala nengcinezelo √√/ Imeko yezopolitiko ayizinzanga njengoko abantu abaNtsundu bezabalazela inkululeko ngeli xa abaNhlophe bezikhusela.√√ (2)
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 9.8 Abantu abathenjweyo ekuhlaleni bayakwazi ukubathengisa abantu√√/ Ungabokuze uthembe nabani na ebomini. √√ (2)
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 9.9 Luzobo olumayana okanye olungathanga ngqo√ kuba umbhali umzobe wangumntu onenjongo ezizezakhe hayi ezabantu bakuQaka.√√ (2)

- 9.10 UMfazwe ulilandele igama lakhe kuba simbona ngokulwa nengcinezelo yabantu abaNnyama.√√  
Umfundisi uHlathi uligwiba ngamaxesha embandezelo ingakumbi kulo mlinganiswa unguMfazwe.√√ (4)
- 9.11 Ikwinqanaba lokukhula kwebali√/ukuyondelelana kwebali√ kuba iziganeko zihambela phambili namacala omabini empixano ayabonakala.√√ (3)  
[25]

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

**ICANDELO C: IDRAMA****UMBUZO 10 (UMBUZO OMDE)****AMAZA – ZS Qangule****UMFUNDI MAKACHANKCATHE KWEZI NGONGOMA ZILANDELAYO:**

- Umxholo wale ncwadi ungesiko lokubonelwa kwentombi isoka nokubonelwa kwesoka intombi nto leyo ikhabanayo noluvo lwabantwana bale mihla.
- Kule ncwadi ithi 'Amaza' sibona ukuphakama kwemisindo ngenxa yempikiswano nengxabano ebangelwa kukungaboni ngasonye. Oku kubangelwa kukuba abalinganiswa abakule ncwadi baphile kumaxesha ohlukeneyo, abanye badla ngendeb'endala kanti abathile baphila kwixesha langoku apho umntu enza into ngendlela ayithanda ngayo. Umzekelo: UDanile noMaDlamini banyanzela uNamhla oyintombi yabo ngabula bona ukuba makatshate noSidima angamthandiyo abe yena engeva kuxelelwa ngesinqanda-mathe sakhe esinguLizo. Kwelinye icala uLizo utshatiswa ngenkani noZodwa Zazile angamthandiyo nosel'enomntwana kuSidima.
- Sibona kwindlu kaDanile emaBheleni intombi yawo uNamhla isendiselwa ngenkani kwisoka engalithandiyo nto leyo emenza uNamhla akhabe ngawo omane. Umzekelo: UNamhla uqalekisa enukuneza yonke into ayithengelwe ngabazali bakhe enxulumene nomtshato. Mve xa athi, 'Yena lo vunxu usisizothezothe! Ngahle uphele loo mtshatwana iluthuthu.'
- Ukubonisa ukungahambisani neli siko ungenisa uLizo amthandayo entangeni yakhe nto leyo engamkelanga kwintombi eyendayo. Umzekelo: UDanile ufumana uLizo noNamhla besegumbini bethandana. Mve xa esithi, 'Mayiphumeinja emzini wam.'
- Ngokwesiko lo mcimbi uDanile uwusa kumawabo ukuze awuchophele suka indlu yaMaBhele ingaboni ngasonye. Umzekelo: Amanye aMaBhele axhasa uNamhla.
- Umbhali ukuwukhulisa lo mxholo usibonisa kuyo yomibini le mitshato kukho ukungavisisani. Umzekelo: UNamhla noSidima bayabhidana ngeleta efunyenwe nguNamhla epokothweni yebhatyi kaSidima, nefoto yomntwana kaZodwa Zazile. USidima uyazama ngandlela zonke ukuxolisa uNamhla emthembisa ngezulu nomhlaba suke ibe ngathi yeyona nto ifaka isichitho kulo mtshato. Akukho xolo nakulo umtshato kaLizo noZodwa Zazile bayaxabhulisana ngomntwana onguXelisa ongokaSidima nangobuxelelegu bukaZodwa. ULizo unomsindo omkhulu embona uZodwa Zazile njengenkosikazi yamaQwathi hayi owakhe.
- Uyabaleka uZodwa Zazile ebalekela eRhawutini esimka nekhadi lebhanki likaLizo. Uyalandela uLizo ezimisele nokubulala uSidima ambona njengomqobo kuthando lwakhe noNamhla.

- ULizo ubulala uZodwa waseBhayi noDuma ecinga ukuba ubulala uZodwa oyinkosikazi yakhe noSidima ongumyeni kaNamhla ukuze yena asale noNamhla betabhata eluthandweni lwabo.
- Emva kokusweleka kuka'Sidima' ngabula bona kuvuka olunye udushe njengoko ngokwesiko kumelwe uNamhla angenwe ngu' Duma' uNamhla ukhaba ngawo omane engahambisani neli siko. Mve xa athi, 'Kumhla amahashe angaphuma iimpondo' ntetho leyo ethetha into engasokuze yenzeke.
- Umcuphi onguSilumko uyaphanda ngokubulawa kuka'Sidima.' Wenza zonke iinzame zokokuba uLizo athethe phandle ukuba nguye umbulali kaDuma.
- USilumko uphanda de wafumanisa ukuba uZodwa Zazile kunye noSidima bayaphila kwaye babaleka baya eSwazini bebaleka umbulali abangamaziyo. Xa iphela incwadi uzamile uSilumko ukuba kudibane uZodwa Zazile, uLizo, uNamhla noSidima emangcwabeni ukuze uluntu lubone ukuba uZodwa noSidima basaphila. Kuphinde kwatyhileka nokuba uNamhla uzalwa nguMaLimakhwe oyinkosikazi kaSilumko nto leyo yayingaziwa mntu.
- Umbhali okunene uphumelele ekuwuphuhliseni umxholo wale ncwadi esebenzisa la macala mabini, ukutsho oko aba basaqamele ngesiko kunye nabo baphila kule mihla.

**[25]****UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)****AMAZA – ZS Qangule**

- 11.1 KwaNgxelelo. √ (1)
- 11.2 Ivuselela ingcinga yokuba akayithandi intlanganiso yasemangcwabeni kuba kulapho kungcwatywe khona abantu abadala baseMaCirheni. √√ (2)
- 11.3 Wayedlala indima yobucuphi nto leyo eyamenza abe ngumququzeleli ukuze kutyhileke izinto emangcwabeni. √√ (2)
- 11.4 Luzobo olungathanga ngqo. √/luzobo olumayana. √ (1)
- 11.5 Apha ngokwesimo sentlalo sineendidi ezimbini zabantu, amaqaba namagqobhoka. √√ (2)
- 11.6 Impoxo kule ntetho kaMphurhu ngoKhulile kukuba sele khumsha nje Wayengumqhitsiba weqaba. √√ (2)
- 11.7 lintlanganiso yasemangcwabeni yaba neziphumo ezingezihle kuba uSilumko waphela evela ukuba ungumcuphi ngokwenene √/wavela uLizo njengombulali kaDuma √/uMalimakhwe wavela ukuba ngumama kaNamhla √/uSilumko waphela ebabamba esiya kubavalela esiseleni. √ (2)
- (Nasiphi na isibini kwezi) (2)

- 11.8 Yimpixano yangaphandle.√ kuba oku kuphuhliswa yintetho kaNgxelelo noWelisile.√√ (3)
- 11.9 Likwinqanaba lokusombululeka kwezinto√ kuba izinto zaye zatyhileka emangcwabeni.√√ (2)
- 11.10 Sesi sokuba uLizo ongumbulali ka 'Sidima' ibe nguye ofunda ibhayibhile esingcwabeni sika 'Sidima'.√√ (2)
- 11.11 Anika umyalelo weqonga√√/Anika okuza kuqhubeka emva kwentetho kaMfundisi uZazile.√√ (2)
- 11.12 Umxholo wale ncwadi ungowokunyanzeliswa kwesiko lamandulo lokubonelwa umntu omawumtshate.√√Eli siko liyakhabana neembono zabantwana banamhlanje kutsho kungabi kuhle. (2)
- 11.13 Ungumlinganiswa omcaba kuba izenzo zakhe zinxulumane nezabantu abaphilayo.√√ (2)

**[25]****UMBUZO 12 (UMBUZO OMDE)****A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto****UMFUNDI MAKACHANKCATHE KWEZI NGONGOMA ZILANDELAYO:**

- Umxholo wale ncwadi ungowokubhunyulwa kwemihlaba yabantu abamnyama ubhunyulwa ngabaMhlophe besebenzisa inkolo yobuKristu njengesinye sezixhobo zoloyiso lwabo.
- Umbhali uvula ngengxoxo ephakathi kukaMaqoma namaphakathi akhe, uNeku noSoga. Kule ngxoxo yabo kuvela ukuxabisa kukaMaqoma isizwe sakhe nomhlaba wakubo, kuba akonwabanga kukuba seQhamtweni, ubuza uJwarha ukuba baya kuze babuyele nini kumagquba akumawabo, kwaNojoli. Iphuhla kakhulu indlela asixabise ngayo isizwe sakhe xa esithi akanakuze onwabe emphfumliweni abantu bakhe bekude namathambo ooyise.
- Kule ngxoxo kaMaqoma kuyavela nje ukuba basabuye umva nje kancinci kuba behloniphe uyise uNgqika othandwa kakhulu ngabaMhlophe. Kukwavela ukuhlonipha kukaMaqoma ubukhosi kuba athi la maphakathi xa esola ukunqandwa kwawo ngooyise mhla ayefuna ukuziphindezela, ekwathi kanti ooyise benza impazamo ngokubanqanda, awakhumbuze ukuba ayengenandlela-mbini ayehloniphe ubukhosi.
- Nangona uyise kaMaqoma uNgqika ebanqandile ngokuziphindezela intlungu yokubhunyulwa kwemihlaba yabantu iyingcutha ngeenaliti intliziyo yakhe oku kubonakala ekwaphukeni kwempilo yakhe de waphela nasemzimbeni.
- Kule ngxoxo kaMaqoma kuyavela nje ukuba basabuye umva nje kancinci kuba behloniphe uyise uNgqika othandwa kakhulu ngabaMhlophe.

- Kwelinye icala abaNhlophe baphantsi kwesandla sikaSomerset oyikholoneli obabona abaNnyama njengamakhoboka elizweni lakowabo. UMaqoma yena umbona njengesona sithintelo esifanelwe ukususwa ukuze bafumane umhlaba wabantu abaNnyama.
- USomerset unika umyalelo wokuba uBeau oyisajini namabutho akhe ambeke esweni uMaqoma njengoko umninzi umonakalo angawenza ngokunokwakhe ufuna ukuba aphume aphele kumhlaba waseTshokotshele.
- UBeau namabutho akhe batshisa imizi, beba nemfuyo.
- Oku kungenelela kwale nkolo yobuKristu kube negalelo ekubhunyulweni kwemihlaba njengoko iicawa nezikolo zanikwa imihlaba yokwakha izindlu zecawe kunye nezikolo ukanti neefama zanikwa.
- Ngeli xesha lokruthakruthwano ngomhlaba belithanda ukuphela ithemba kumaphakathi kodwa wema uJongumsobomvu ukukhuthaza abantu. Akawuthandi umlo kuba xa ethetha noKama uthi, ubhuqwa bubusela beenkomo nokubulawa kwabaNtsundu ngexesha uSomerset namajoni akhe besiya kungenelela eTsholomnqa.
- Ulitshantliziyo kwaye akoyiki ngokoyikiswa kuba kule ngxoxo yakhe nala maphakathi akhe uthi xa isela libhaqwe lisiba kufanele ukuba umkhonto ubinze esiqwini. Ubuya athi yena sele eqalisile kwaye ushiya umzila ocacayo. Ude alebele ngelithi yena akasayi kubulawa ehleli elizweni lookhokho bakhe.
- Umbhali usebenzise ingxoxo ukuveza ukuba uMaqoma akabathembanga abamhlophe kuba uthi kuMtika unexhala lokuvula isitha phakathi entsimini. Nangona eyibeka ngendlela ehlekisayo ukwanxulumanisa into eyayiqhubeka phakathi kwabantu abamhlophe nabamnyama enxulumanisa nezilwanyana kuba uthi kaloku iimpuku azoneli ziindiza, zigqithela nasemboneni zibhuqe. Apho kukho umhlangala, iyarhorhozela inyhwagi, uthi kanti namaxhwili enza kwa eso emva kweempungutye. Abefundisi abanjengooFiliphu beza ngokungathi baneenjongo ezintle befunela iicawa nakhoboka imihlaba kanti bakwiphulo elinye noSomerset.
- Le nkosi uJongumsobomvu eyinkokeli yabantu ayizimisele kunikezela ngomhlaba wamaXhosa. Kwincoko yakhe noKama uthi xa enqandwa nguKama ukuba angaphindezeli abuze ukuba acimele abe ngathi akaboni xa umhlaba wakowabo utyiwa ehleli, imfuyo yabo ibiwa kubhunyulwa namasiko nezithethe zabo.
- Njengenkokeli unobugorha kwaye uyawazi umsebenzi wakhe njengenkosi, uthi akanakwenza ngathi akawuboni umonakalo owenziwa esizweni sakhe, ude athi wazalelwa ukuba amele iimfuno zabantu bakowabo. Emveni kokubiwa kwemfuyo uyalele abavunduzi ukuba baye kulanda imfuyo kodwa kungabikho kuphalazwa kwegazi. Kwakunzima kodwa likhona ithemba lokokuba baza kude baloyise eli dabi.
- UJongumsobomvu emva kokubiwa kwemfuyo uyalele abavunduzi ukuba baye kulanda imfuyo, akayithandi into embi. Kwingxoxo yakhe noMsika uyalela la madoda awathumelayo ukuba angaphalazi gazi aze neenkomo ezimke namanyangaza.

- Ungumntu oneliso elibukhali nobathandayo abantu bakhe kuba kwakule ngxoxo yabo nooMsika uyayiveza into yokuba iindwadunge zobukhwe bukaSomerset zakhawuleza zahluma zanempahla ngexeshana elingephi nangona zafike ziphaca. Uyasikhalimela esi senzo uthi uSomerset akanakuxabangela ngekamva labantu bakhe, ude athi akayamkeli into yokususwa kwada kwabo kumhlaba wakowabo. Ufunge ngelithi loo magunya ooSomasethi bazinike wona baya kuwaxhamla phantsi kwelanga, umbhali ukwaveza nobugorha buka Maqoma kule ngxoxo ngokungazibandezi xa kukho into echukumisa isizwe sakhe.
- EQhamtweni komkhulu kwingxoxo yakhe namaphakathi akhe, uthi akuva iindaba zokuhlaselwa komkhwe wakhe uBawana kubonakale ubutshantliziyo kuye nokuhlonipha kwakhe amasiko xa efungela umenzi wobubi esithi uza kumfundisa isiko, ude afune ukuya ngokwakhe ukuhlasela uQuka ngelithi ufuna umkhwe wakhe axole ekwelemimoya.
- Ligorha kule ngxoxo akoyikanga ukugxotha amagqobhoka namakhoboka athi, ziimbedlenge ezibangwe ngabo efuna esiqwini kuSomerset xa wayeyalelwa ukuba ashiye umhlaba ahlala kuwo aye kujongana nempilo kayise kuze kubekwa amakhoboka kumhlaba akuwo.
- Unentlonipho kuba kule ngxoxo uyise ucenge ukuba ehle, emke baye kumcima amehlo. Wehla ngelithi ngenye imini zisaya kungqubana kucace ukuba ngabo abanini beli lizwe. Wehle umkhusane.
- UNkosi uJongumsobomvu nabantu bakhe baphulukane nomhlaba wabo nangona kubuhlungu wathoba ehloniphe uyise okwikhuko lokufa ngelithi ngenye imini ubumnyama buza kuphela, umsobomvu utshisela nje kuseza kukhanya. [25]

### UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

#### A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto

- 13.1 Kwiziko lomkhosi.√ (1)
- 13.2 Amajoni ayebhiyoza.√ (1)
- 13.3 Wayengxamele ukuya kuvunduzwa kwiziphaluka zeKatberg.√ (1)
- 13.4 Simveza njengomntu onamaqhinga √/Simveza njengomntu okwaziyo ukuzilungiselela kwizicwangciso zakhe√/Simveza njengomntu ocwangcisayo.√
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)
- 13.5 Sityhila ukuba akonwatywanga√ kuba kuyaliwa kwaye kwenzelwana namayelenqe.√ (2)
- 13.6 Aveza intshukumo yaseqongeni√ nesimo sentlalo√/Aveza okuza kuqhubeka.√
- (Nasiphi na isibini) (2)



- 13.7 Le ngxoxo iveza ingcinga yokuba izikhundla zifunyanwa ngokwaziwa nangobutshomi.√√ (2)
- 13.8 Luzobo olumayana.√/luzobo olungathanga ngqo√ kuba umbhali usebenzisa abanye abalinganiswa ukuchaza nokuveza isimo sakhe.√ (2)
- 13.9 Yimpixano yangaphandle√, kuba uSomerset uhambiselana namaBhulu ekuthatyathweni kwemihlaba ukanti uMaqoma uyawulelwa umhlaba wooyise ohluthwa ngamaBhulu.√√ (3)
- 13.10 Le ncwadi ingokubhunyulwa kwemihlaba yabantu abaNtsundu ibhunyulwa ngabantu abaNtsundu.√√/Ingokutshintsha kwenkcubeko yabantu abaNtsundu itshintshwa kukufika kwabantu abaNtsundu.√√/Kukungenelela kwabaNtsundu ngesebe lenkolo yobuKristu kanti bafuna ukubhunyula imihlaba yabantu abaNtsundu.√√ (2)
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 13.11 Ububonakalisa ngokuba nexhala ngenkolo nenkcubeko yesizwe sakhe ebhalwa ezincwadini ngabaNtsundu abayisingela phantsi, nexhala lokuba basenokuba babhala izinto ezingezizo ngayo.√√ (2)
- 13.12 UMaqoma likhalipha, lithandazwe elilwela ukubhunyulwa kwemihlaba ngabamhlophe.√ UKama yena sele guqukele kule nkolo yoonomthikana, kwaye uzamela uxolo.√ (2)
- 13.13 USomerset wayeyinyoka kuba wathengisa ngabantu wenza amaqhinga okusebenzisa amajoni nabefundisi ukuphumeza iinjongo zakhe.√√/Weba imfuyo, watshabalalisa imizi ekwabulala nabantu kwimizi abayihlaselayo kwelakwaNdlambe.√√ (2)
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 13.14 Avuselela ukuba uKama ungumntu othanda uxolo.√√ (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**  
**AMANQAKU EWONKE: 80**

**EMAKUQATSHELWE XA KUKOREKISHWA.**

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, korekisha impendulo esekuqaleni. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphenndule umbuzo omde nombuzo omfutshane kwincwadi enye).**
2. Ukuba umlingwa uphendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A (efundisiweyo), korekisha kuphela eyokuqala emibini.
3. Ukuba umviwa uphendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini emide kwiCandelo B nakwiCANDELO C, korekisha owokuqala ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomine imibuzo, korekisha kuphela umbuzo wokuqala kwiCANDELO ngalinye.
4. Ukuba umviwa unika iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ibe ichanekile, korekisha eyokuqala ungayihoyi elandelayo.
5. Ukuba iimpendulo azinonjolwanga ngendlela eyiyo, korekisha ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwimemorandum.
6. Ukuba upelo olugwenxa luchaphazela intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Ukuba aluyichaphazeli intsingiselo, yikorekiske loo mpendulo.
7. Imibuzo emide.  
  
Ukuba impendulo imifutshane kunoko kulindelekileyo, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Ukuba impendulo inde kakhulu, hlola ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuxoxa nalowo ungasentla kuwe.  
Sebenzisa iirubhrikhi zokuhlola imibuzo emide.
8. Imibuzo emifutshane.  
  
Ukuba umviwa akasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula, musa ukumohlwaya.
9. Kwimibuzo evulelekileyo, musa ukunika amanqaku ngoHAYi/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Makukorekishwe impendulo exhasayo.
10. Akukho manqaku abelwa u YINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makukorekishwe impendulo exhasayo.

**6.1 ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE****ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]**

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
<b>UMXHOLO</b>  Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe.	<b>8–10</b> -Isihloko sitolikwe ngokunzulu. -lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe. -Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe.	<b>6–7</b> -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. -Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. -Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe.	<b>4–5</b> -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo -Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle. -Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo. -Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe.	<b>2–3</b> -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo. -Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko. -Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe.	<b>0–1</b> -Akanalwazi kwaphela ngesihloko. -Impendulo ayikho mxholweni wesihobe. -Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe.
<b>7 AMANQAKU</b>					
<b>ISAKHIWO NOLWIMI</b>  <b>3 AMANQAKU</b>	-Isakhiwo siyathungelana. -Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile. -Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela.	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. -Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala.	-Bukho ubungqina besakhiwo. -Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo. -Iziphene zolwimi zimbawwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu.	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Ingxoxo ayicwangciswa ngokukuko. -Bukho ubungqina beziphene zolwimi. -Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga.	-Isakhiwo sife amanqe. -Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga.
<b>AMANQAKU</b>	<b>8–10</b>	<b>6–7</b>	<b>4–5</b>	<b>2–3</b>	<b>0–1</b>

**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
<b>UMXHOLO</b>	<b>12–15</b>	<b>9–11</b>	<b>6–8</b>	<b>4–5</b>	<b>0–3</b>
<b>15 AMANQAKU</b>	-Impendulo igqwesile. 14–15 -Impendulo ebalaseleyo. 12-13 -Ukutolikwa okunzulu kwesihloko -lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi. -Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi.	-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. -Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi.	-Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu. -Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko -Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka. -Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga.	-Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo. -Ambalwa amanqaku axhasa isihloko. -Impendulo ezichanekileyo zimbhalwa kakhulu. -Luncinane ulwazi ngejenre netekisi.	-Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko. -Impendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo. -Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke. -Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi.
<b>ISAKHIWO NOLWIMI</b>	<b>8–10</b>	<b>6-7</b>	<b>4–5</b>	<b>2–3</b>	<b>0–1</b>
<b>10 AMANQAKU</b>	-Isakhiwo siyathungelana. -Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo. -Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile.	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. -Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano. -Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu.	-Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga. -Unamathelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene. -Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu. -Imihlathi ichanekile ikakhulu.	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Izimvo azithungelelani kakuhle. -Iziphene zolwimi ziyabonakala. -Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga. -Imihlathi ineziphene.	-Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo. -Imposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo. -Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala -Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka.
<b>AMANQAKU</b>	<b>20–25</b>	<b>15–19</b>	<b>10–14</b>	<b>5–9</b>	<b>0–4</b>

**QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshela ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha